SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za

Province of the EASTERN CAPE EDUCATION

**NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

# IBANGA 12

## SEPTEMBA 2023

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2 IMEMORANDAM

**AMANQAKU: 80**

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha angama-31.

SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Le memorandam ilungiselelwe ukuba ibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Le memorandam iza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba kuqalwe ukukorekisha kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

## IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akuvumelekanga ukuba aphendule umbuzo osisincoko nombuzo omfutshane kudidi olunye kwijenri enye.)**

2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo kwiCANDELO A (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.

3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCANDELO B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithathu imibuzo (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.

4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.

5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokuchanekileyo, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.

6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

7. *Imibuzo esisincoko*

   Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu. Sebenzisa irubriki yokuhlola ekwisihlomelo esinguA nesinguB ukuhlola izincoko zabaviwa.

8. *Imibuzo emifutshane*

   **Musa ukumohlwaya** umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

9. **Kwimibuzo evulelekileyo,** musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo.



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



10. Akukho manqaku abelwa uYINYANI/ BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO. Makisha impendulo exhasayo.

11. Iimpendulo zemibuzo emifutshane mazihlolisiswe ngokupheleleyo kwayanywe kwiingxoxo eziqhubeke ngexesha lobekomgangathweni lwesikhokelo sokukorekisha.



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



**ICANDELO A: ISIHOBE**

**IMIHOBE YESIXHOSA – B Ngombane**

**UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

**INGQINA EZINGELA IMIPHEFUMLO – JJR JOLOBE**

**Amanqaku ali-10 ewonke kulo mbuzo. Ama-6 ngawomxholo aze ama-4 abe ngawolwimi kunye nesimbo.**

**Sebenzisa irubrikhi esisihlomelo A.**

Kumgomo wokwenza abantu abafunda lo mbongo bakholelwe ukuba konke kubakhaphukhaphu nokuba bekunzima okanye nokuba bekukho amathandabuzo kowamkele inkosi njengomkhokeli okanye. Umenza umzekelo womntu oselekhe wabuva ubunzima waboyisa, oselekhe woyiselwa zonke izinto ezinzima ebomini, oselekhe wahlangana nezinto ezibuhlungu wakhokelwa lilitha elamkhanyiselayo, waphelelwe ngamandla, waphiwa amandla yiknkosi, yathi yakuphela indlela yobom lavuleka izulu yangena inkosi.

- Ngesihloko esikwimo yesikweko apho kusetyenziswa ingqina ezingel' imiphefumlo. Ingqina nokuzingela ilinganiswa kwenziwa xa kufunwa izilwanyana eziza kutyiwa zondle umntu kodwa le ibhekisa kwimiphefumlo ebizelwa enkosini.
- Isixhobo esingumbuzo nempendulo sisetyenziswe sabeka umbuzi ovela enentandabuzo ecinga ukuba akanakukwazi ukunyuka intaba. Impendulo iza isithi ayiqali le ndlela kwaye yiyona ndlela ihanjwa ngumntu osenkosini
- Umnqamlezo olixhala lobuzayo uphendulwa ngelithi kufanelekile kumKrestu ukuba iindlela ihanjwe kanye ngolo hlobo.
- Umbuzi uza nezaqhwiti neziphango ezivala indlela eya enkolweni uthenjiswa ngelitha elakhanyisela inkosi eliya kwenza njalo nakuye.
- Xa ekhala ngamandla aphelayo uthenjiswa ngamandla eyawaphiwayo nayo mhla yathi kanti iyawafuna.
- Kude kuthi xa indlela isekupheleni athenjiswe ukuba akayi kufa ukufa nje uya kulindelwa lizulu xa ehamba indlela yeNkosi.
- Kwizitanza zonke umbongo usebenzisa isigama esidala umfanekisontelekelelo wobunzima afana noo-"umnqantsa, umnqamlezo", isiphango, ukuyoba' ade ayokuma ngemini yokuphela kobom. Indlela inzima nje iNkosi ihlala ikho apho ubani athi sele engasaphili amkelwe liZulu. Konke kubonakalisa ukuba indlela le ayilula kodwa ihanjwa ngomehlo akhe ajonge eNkosini akholelwe ukuba naye iNkosi iyakumnceda.



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



- Kuyamomeleza othandabuza ubunzima bendlela ukusetyenziswa kwamagama "izaqhwiti", "iziphango" kunye nesithembiso selitha elakhanyisel' iNkosi elisekhoyo ukuba lingamkhanyisela naye liqinisekisa kananjalo ukuba umntu ojonge enkosini kuphela akayi kuxakwanto.
- Ukusebenzisa udliwanondlebe kwalo mbongo kwenza kubelula ukuzifaka ezihlangwini kowenziwa isithethi/ kofundayo kuba ufunda kwijelo lomntu wokuqala. Kwangoko uzifaka kwizihlangu zentandabuzo. Akholelwe kuba umbuzo ngamnye unikwa impendulo ekhawulezayo ethi eNkosini izinto ezinzima ezehlela umkhonzi zithwaleka ngokulula, kwaye umkhonzi akazithwaleli ngokwakhe ubunzima koko iNkosi ngokwayo iyamthwalela okanye nenkosi yabuva obo bunzima. Lukwasusa intandabuzo yokuba iNkosi ingumncedi ikwancedisa ekuqondeni into aza kuzifaka kuyo phambi kokuba angene.

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) **[10]**

**UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**OKUHLE - Z.S QANGULE**

2.1 Yayisingcutha isiLungu ingaqhelisi. √Iwadlakaza amanani njengesiNgesi. √ (2)

2.2 Kutyhila ukuba inkwenkwe yayifunda ngokukhawuleza/ ngokulula. √√ (2)

2.3 Kwancipha ubuhlanti √/ waphela umzi √/yaphela imfuyo √/ ixhego lazincama lalishiya ikhaya laya kuphangela. √

(Nasiphi isibini kwezi.) (2)

2.4 (a) Ixhego labuya litaka izimanga lakukhohlela. √ (b) inkwenkwe yasebenza nzima yabhitya nemilebe. √ (2)

2.5 Siphumelele kuba kwisitanza sesithathu inkwenkwe ifunde ekhaya sekungasekho nto √√/ isitanza se-4 sithi inkwenkwe ifunde sele kuphele imfuyo ekhaya √√/ kwisitanza sesi-5 ixhego lizincame layokusebenza labuya ligula kanti nexhegokazi beselitotoba kukubi √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo efumaneka kwesi sicatshulwa sombongo iya kwamkeleka) (2)
**[10]**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



**UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**WATSHA UMZI – NONTSIZI MGQWETHO**

3.1 Amaxesha obumnyama agqithile √ Neza mini zobudenge ziphelile. √ (2)

3.2 Kutyhila ukuba isizwe siziva silixhoba √√/ Kutyhila ukuba isizwe siziva siphethwe emanyeni. √√/ kutyhila ukuba kukho impathombi yabantu ababuthathaka. √√

(Nayiphi kwezi.) (2)

3.3 Owukuhluthwa kwamakhaya √ /kobukhosi kubanikazi √/owooNozala abahamba ngepasi ekhayeni labo √/ owomzi ongenwa nangubani/ owomzi ohleli wodwa √/ owomzi ongasenazo iintsikelelo owawuzinikiwe. √

(Nasiphi isibini kwezi.) (2)

3.4 Ziphi na (a) iinkokeli ze-Afrika √ / Sancama namhlanje thina mzi kaNgqika/ Wakhonkxwa na (b) Afrika ngamakhamandela? √ (2)

3.5 Siphumelele kuba kwisitanza soku-1 ungqala ofundayo ukuba azibhence ngombuzo buciko okanye afune ukuba kwenzekani √√/ isitanza sokuqala siyathundeza ukuba ama-Afrika ayeke ukuthi sele ebona azenze angaboniyo √√/ kuba isitanza sesi-2 siyavakalisa ukuba iinkokeli nazo ziyabandakanyeka. √√/ sivakalisa ukuyekelela kwama-Afrika bebona ukuba umzi ungeniwe ngabantu abangengowawo umzi. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo efumaneka kwesi sicatshulwa sombongo iya kwamkeleka) (2)
**[10]**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**MHELA MFONDINI – G.V. MONA**

4.1 Mhela mfondini, Ndiphuthum' elam' ikhohlombe √/ Ngokwesethu isithethe, Inkwenkwe iyazihlanganisela √/ Kwelakowethu ukuzuma lityala. √/ Khawuthob' iqulo mfondini-ndini, Zaphukil' ezam iintonga. √

(Nasiphi isibini kwezi.) (2)

4.2 Kutyhila ukuba inkwenkwe iyoyiswa √√/ iphelelwa ngamandla. √√ (2)

4.3 Xa iwile/ iphuza umhlaba√/ xa igevezel'amadodo √/ xa idiniwe √ ulwimi luyinkabankaba. √

(Nasiphi isibini kwezi.) (2)

4.4 (a) amakhwenkwe amancinane abahlonele oonongena. √/ oonongena bawahlonele amakhulu. √ (imiqolo 22-24) √
(b) amakhulu iinto ezitshotsha entla abahlonele oonosala. √ (imiqolo 25-26) √

(Nasiphi isibini kwezi.) (2)

4.5 Siphumelele kuba siyanqonqozisa ukuthi sisithethe √√/ ngummiselo, kwakhona simisa intlonipho nentlonelo njengezithako, √√/ Isicatshulwa sombongo siyidandalazisa icace imeko apho isetyenziswa khona into yokuthi "mhela mfondini'. Ngokucaca kwayo abantu bayazibonela ukuba ukuvuyelela akusiso isisombululo √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)
**[10]**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



**ISIHOBE ESINGAFUNDISWANGA (SINYANZELEKILE UKUBA USIPHENDULE)**

**UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**INYANISO – S.E. K MQHAYI**

5.1 Ithetha egameni lomntu ofunda umbongo nabanye abafana naye/ egameni labantu abafuna inyaniso abaquka ofundayo. √ kuba isakhi u'si' siyambandakanya ofundayo. √ (2)

5.2 Kuza kukhonzwa ngayo iNkosi √ iza kukhulula abantu ebukhobokeni√/ Iza kuphelisa ukulahlekisana emiphefumlweni yabantu. √

(Nasiphi isibini kwezi.) (2)

5.3 Babiza iNkosi/ bathi Nkosi Nkosi xa beza kuxoka √ nabo bayayingqina inkosi besithi uyinkosi yemikhosi" √ (2)

5.4 Kungokuba lisisibizi esibhekiselele kwintlonipho kuMdali elibhelisa kuye. √√ (2)

5.5 Ndiyakungqina kuba abantu abasenayo inyaniso/ abantu bayaxoka./ abantu bayenzakalisana ngenxa yokungabinanyaniso √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)

**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

### INOVELI

### UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### *INKAWU IDLIW' ILILA* – S Kula

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-27 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Xa etyhila inzondo njengesithako esikhulise, sagqamisa impixano ephakathi kokulandela umthetho nokuwaphula kule noveli.

Impixano iqaqamba kakhulu xa kukho inzondo phakathi kwabalinganiswa bebali. Inzondo itsho yayiqaqambisa ngakumbi impixano kwinoveli Inkawu idliw'ilila xa iinjongo zobom zabalinganiswa abaphambili ziye zaphazamiseka. Inzondo isebenza ngabalinganiswa abathi babe yimiqobo kwiinjongo zobom bomnye umlinganiswa. Kule noveli, uThantaswa uvelelwa kukuzonda uMsindisi xa engumqobo ekufumaneni imali abende ngeenjongo zokubanayo. uMsindisi yena uzonda uThantaswa ngokungafumani abantwana abezithembise ngabo;

- Emva kweendaba zikaGqirha zokuba uThantaswa akasayi kubafumana abantwana abahle njengaye njengoko ibiyinjongo kaMsindisi, kuqala ubomi obutsha kwaMsindisi.
- UThantaswa uqalisa ukuzonda uMsindisi akuxelelwa nguNozizwe ngesithembu amve esiceba nomntakwabo, uMkhokeli. Isizathu sesokuba engasazukubafumana abantwana abahle abetshatelwe bona.
- Bobabini uMsindisi noThantaswa iyabaphazamisa into yokuba kuthi kanti abasayi kubafumana. Ibenza baqalise bahambe iindlela ezingasahambisaniyo.
- UMsindisi akufumanisa ukuba uThantaswa uhamba abuye ngothulanja uyamgxotha uThantaswa.
- uThantaswa ubona ilifa engasoze alifumane.
- UMsindisi ngangokuba emzondile uThantaswa sele efuna uThantaswa angaze alifumane lonke ilifa lakhe.
- Elowo uthatha indlela eyiyeyakhe yedwa yokuzalisekisa umnqweno onelifa phakathi. UThantaswa efuna ukulizuza lonke uMsindisi efuna ukulikhusela ngomthetho lonke.
- UThantaswa umsongele eqhiyeni uMsindisi ngelithi ufuna ukulifumana lonke ilifa likaMsindisi kwaye ungena kumalinge okumsusa ebomini engekasitshati isithembu ukuze alifumane lonke ilifa.



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



- UMsindisi ngenzondo yakhe kuThantaswa, uya egqwetheni enze umyolelo obhalwe phantsi wokuba ilifa lize lifunyanwe ngunyana wakhe awayemfumene kuSiziwe engekatshati. Oku kwaziwa nguMsindisi ne-ofisi yegqwetha.
- NgekaThantaswa inzondo uyagwintwa uMsindisi, eBika emva kokufumana isandla kuMfuneko. Bayazincoma akufa uMsindisi ukuba umsebenzi wenziwe ngempumelelo. Ithemba lelokuba uMfuneko uza kuliphanda linyamalale eli tyala.
- UMfezeko Mapheza uzithela kwizandla zenzondo kaMfuneko noThantaswa ngokusuka athi kanti ibinguye ilalela ngemini yokugwintwa kukaMsindisi.
- Kuthe kanti iderhe yokubilisa inzondo kaMfuneko ngakuMapheza zezobutsha-uMapheza uthandana noHlengiwe.
- Inzondo imtha umoya uMfuneko ifune agxagxamise ukwenza ukuba inqanaba lolwaphulomthetho elilandelayo libe yimpumelelo
- Akulifumana ithuba uMfuneko uyamnyoka uMfezeko, amdyobhe ngokumenza oyena mntu umdaka ade adlulele nasekumbekeleni uKhala onguNqoza wokuqinisekisa ukuba ukwazi konke okufunyanwa nguMapheza kuphando ukuze yena ahlale ephephisa uThantaswa.
- Zonke ezi zenzo uzenza kuba efuna uThantaswa angafumaneki, aphuncule esigwini sesandla somthetho esiphethwe nguMapheza azokufumana imali.
- uMfuneko uqeshwe yinzondo kaThantaswa ejolise ekohlwayeni uMsindisi ngokuthi ilifa alifumane ngobunjalo balo.
- Imibuzo yenzondo aphikele ukuyibuza uThantaswa emalunga nokuba ufa nini uMapheza ilidlulisela kwibakala elilandelayo ibali kutsho kwenzeke isiganeko esilandelayo.
- Iyadlwayiza impixano ngenxa yenzondo. UThantaswa uphikele ukubuza ukuba ufa nini lo Mapheza. Uqala ngokubuza icebo aziveze kwakulo mbuzo ukuba ufuna afe engekabhaqi nto uMapheza kolu phando lwakhe.
- Uneemini ade abuze, amngqale uMfuneko ukuba 'Kanti Mfuneko ufa nini lo Mapheza unezothe' Lo mbuzo uyicacisa gca inzondo anayo uThantaswa kuMapheza. Uphatha kumbona efanelwe ngumpu phakathi kwamehlo xa engade afe.
- Emva kokuba ilifa elilungiselelwa nguMdlambila, usambona efanelwe yibhokisis emnyama akuba ezibonakalisa njengepolisa ekuphela kwalo elinengqondo.
- Inzondo yenza uMfezeko adliswe ityhefu sesi sibini ngokuyithumela ngoNqoza aze aphelele esibhedlela.
- Kwakufumaniseka ukuba uMapheza akafanga lidliso uThantaswa akaphothelwa usebenzisana noMfuneko kuzanywe icebo elilandelayo lokwenza ukuba afe uMapheza. Kweli ityeli kubhenelwa kwakumandla kaSiphongo okwenza uvutha oye waphanza naye.
- Bakube beziqhathe bathi uMfezeko uza kuswelekile lidliso, uThantaswa seletsalela unina umnxeba emazisa ngokuba ityala liwela ekuphandweni ngumMfuneko ngokweminqweno yabo.
- Inzondo ilithwala ibali ilise ekubeni uThantaswa azibulela kunye noMfuneko.

(Nayiphi impendulo echanekileyo.)

**(25)**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)

7.1 Bafunana amacebo/ Bayacebisana/ bavumelana ngokwenza amayelenqe/ basebenzisa isakhi u'si'kwiincoko zabo ezibabopha ngebande elinye koko bakwenzayo √√

(Nasiphi isibini kwezi) (2)

7.2 UThantaswa ufuna ukuba uMfezeko angambhaqi ukuba nguye obulalise umyeni wakhe, uMsindisi. √√ (2)

7.3 (a) mfene yam√ (1)

(b) Ngumfanekiso ntelekelelo wobuqhitala bomntu √ / wokungabinabuchule √ kuba ukubayimfene kuthathelwa kwisithuko √/ kubuqhitala eyaziwa ngabo imfene okanye ukungabinabuchule kwayo. (1)

7.4 Lelokutyisa uMapheza ityhefu √/ lelokuba uMapheza esibhedlele ukuze ayotshiswa ngovutha kwaSiphongo. √/ lelokutshisa uMapheza ngovutha kaSiphongo. √

(Nasiphi isibini kwezi) (2)

7.5 Wafihla ababulali bomyeni kaNompumelelo.√/ wabulalisa uMsindisi√/ wenza uMdlambila agqwethe iincwadi zelifa likaMsindisi√/ wenza uMapheza angafunwa mntu emsebenzini wobupolisa.√/ Weba imipu ayithengise elokishini. √

(Nasiphi impendulo echanekileyo eliyelenqe elenziwe nguMfuneko.) (2)

7.6 Umbalisi umbiza Mfuneko kuba akanalunxibelelwano naye kanti uThantaswa umbiza Mfuno kuba emteketisa ngezothando lwabo.√√

**(Omabini amacala empendulo mawavele.)** (2)

7.7 Wayenomsindo omkhulu ongathibazekiyo.√ (1)

7.8 Akayifumananga kuba kusuke kwavalwa nee-akhawunti zakhe zebhanki.√√ (2)

7.9 Sasingamfanelanga kuba izenzo zakhe zaziqhutywa ngumoya kaMfuneko / uThantaswa eyedwa nje ebengekhe abe namandla intonayo womelezwe bubukho bukaMfuneko obenamandla okwaphula umthetho kunaye. √√

Sasimfanele, kuba ukunqwenela ukubulala, ukuzama ukubulala, ukufuna ababulali zonke zizenzo zokubulala ezifanelwe ukunqunyanyiswa ngesohlwayo esiqatha kubaphembi, intsusa nabakhwezeli ngokulinganayo. √√ (2)

7.10 Kukuvalwa kweeakhawunti zemali kaThantaswa√/ kukugwetywa kukaMfuneko okwakumjongile.√ (2)



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



7.11 Inzondo kaMfuneko kuMfezeko imnika amandla okwenza amayelenqe itsho iye inyuka ngokunyuka impixano kuba uMapheza naye ufuna ukuzibonakalisa ukuba akayontontomana. √√ uMfuneko utsho abandakanye namanye amapolisa awathenge ngokuxoka ngobumimpi bukaNqoza/ Izondo kaThantaswa kuMapheza yenza uMfuneko aye ethatha unyawo ukuphemba nokukhwezela nokubasela amayelenqe ajoliswe kuMfezeko. √√ (4)

7.12 Ibali (a) liqalwa ngolwaphulomthetho √size (b) isiphelo salo sibe sisohlwayo kwabophula umthetho. √

(Nayiphi impendulo ecacisa okanye exhasa le ingentla.) (2)
**[25]**

**UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

**NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise
- njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina
- bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-27 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

Isazela siyiqaqambisile impixano ephakathi kobizo neento zehlabathi kubomi bomlinganiswa onguThole kule noveli. Impixano ibonakala ngaphandle okanye ibonakala ngaphandle. Xa ibonakala ngaphandle kuthiwa yimpixano yangaphandle ize xa iqhutywa kokwenzeka ngaphakathi emntwini kuthiwe yimpixano yangaphakathi. Isazela sisesinye sesinto eziyenza igqame le yangaphakathi. Siyazibonakalisa ngeendlela ngeendlela. Umntu ukhe athi efanele ukuba wonwabile alile abhomboloze, athi elele efanele ukuba uphumle axheshwe kakubi ngamaphupha angalali, athi efanele ukonwaba abe ecela amaxolo, engongozelwa naluvalo, okanye izinto zakhe zobomi zingahambi kakuhle.

- Isazela siziveza ngokuthi utywala obabumele ukumonwabisa uThole busuke bumlilise esikrakra kude kuxhalabe wonke umntu. Ngolo hlobo kuqhashumba impixano anayo uThole ngaphakathi malunga nesonzo esingasahambisani neeenjongo zakhe zobomi.
- Intetho zikaThemba ezthi “unako na ukuhamba emalahleni ungatshi zimenza azisole abuqalekise utywala akhumbule la mazwi angentla ebhayibhile. Konke oku kuzisola sikubona ukuba kuqhutywa sisazela sokungahambisani neenjongo zakhe uthatha isigqibo sokuba angaphinde abuphathe utywala asilandele. Ngokwebali oko kukuqhashumba kwempixano ezivezayo ephakathi kuye



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



- Mhla aya kwaNomsa uThole impixano iziveza ngesazela esizibonakalisa ngokuthi luthi kriphu uvalo kuThole akutsho amazwi entshumayelo omfo wakwaSigxabhayi athi, 'unako na ukuwuthatha umlilo uwuse esifubeni ungatshi." Uvalo sisixhobo esibonakalisa impixano xa kungahambelani okwenziwayo neenjongo. Lilonke kofundayo iyaqandusela impixano engaphakathi ngokubetha kovalo lomlinganiswa.
- Luyakhunjuzwa uvalo lwakhe xa eza kuhlangana noNomsa amazwi athi 'umoya uvela ngaphambili.'
- Ukubonakalis aukuba isazela sakhe siyayayzi into angayenzanga, utsho enze isibhambathiso sokuyisebenzela inkosi enokumkhulula kumakhamandela azibona ekuwo mhla axhixhinjiswa zizigebenga.
- Xa ethetha ngesenzo sokubethwa kwakhe akasiqalekisi koko usibona njengemisebenzi kaThixo yokumbuyisa kwiindlela zakhe ezitenxileyo.
- Isigqibo sokugoduka asithathayo siyithetha yonke eyokuba unesazela sokukhalala ikhaya engasahambi ngokweenjongo zekhaya.
- Isifundo sonyana wolahleko sinamandla okubinza ngokwekrele kwintliziyo kaThole atsho amenze athathe isigqibo sokugoduka. Olo luvakalelo olubonisa ukungahambelani kwendawo akuyo ngokwebakala lobom.
- Amaphupha asesinye isixhobo esivelisa isazela anaso umlinganiswa. Amveza umlinganiswa ekwimeko yokuxhalaba kutsho kube kudula impixano anayo. uThole uhlala ecinga ukuba usombulule ingxaki ngokugoduka
  Isazela siman'ukufuna ukuphutshuka kodwa enziwe ngamaphupha ukuba ade azikhumbule ukuba asindlela ebejonge kuyo le. Akasebenzeli nkosi xa enje.
- Kuba impumelelo imfuna, amaphupha amphehluzelisa njengesixhobo sokuvuselela isazela de athengise ke ngemfuyo yakhe agoduke.
- Akuthatha isigqibo esisisso sokuya esikolweniafundele ubufundisi ubomi bakhe buyatshintsha angabinamaphupha mabi, indlela yakhe ibentle onwabe akonwabele konke akwenzayo. Xa ebonwa emdala, ikhaya likuncamile ukufunda kwakhe, uthatha unyawo aphindele esikolweni.

Ubonakele ukuba isazela ebesimxhesha besizondelele nje ukumkhupha kwimeko etenxileyo abekuyo. Ngalo ndlela yabhaliseka impixano ephakathi kokwenza kwakhe nombono wakhe wobomi. Yiloo nto athe akuthatha isigqibo sokuphindela esikolweni wabaleka ngqee ukuya empumelelweni wagqwesa de waya kwelaseNgilani apho abuye sele engumfundisi ophume izandla oshumayeza nemithi ikholwe ngokwesithembiso sakhe samhla wayebethwa ngoonyana bakaJoe.



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



**UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

9.1 Ingxoxo ishushu uMangaliso ufuna ukulingwa √, isifundisi sikhaba ngawo omane ngelithi akuyi lubuyayo kuyo. √ (2)

9.2 Baxhaliswe kukuba uMangaliso efuna ukuya eGeorge Goch esemncinci babe abefundisi abaninzi abebekhe baya bebuye bengasengobefundisi ngenxa yesimo sale ndawo. √√ (2)

9.3 (a) 'Inkomo enotshobo ayinqandwa'.√ (1)

(b) umfanekiso ntelekelelo womntu onenkani/ ongeva kunqandwa.√ (1)

9.4 Ukungakwazi ukulandela isigqibo asithathileyo ebomini kwangoko.√√/ ukuhlala nooThemba enxila bezula lonke ilizwe engahambi sikolo.√√ (2)

9.5 Kuthe kanti ulicebo likaThixo leGeorge Goch nyhani kuba yatsho yahluma iGeorge Goch ngokwenkonzo akufika √√ Kuthe kanti lilo icebo likaThixo kuba utsho wabona uyise awayengamazi ukuba usaphila. √√ (2)

9.6 Kungokuba umbalisi umazi kakhulu kanti abanye abalinganiswa bamazi ngobufundisi bakhe/ uMfundisi uqhele kubizwa njengommeli-ntlobo hayi ngegama lakhe lenkobe.√√

(Mawakhankanywe omabini amacala empendulo.) (2)

9.7 Yeyokuba esuke ekubeni nguTholelegqwirha ozalwa ngamaqaba/ zanenkanyamba ekwakude kucingwa ukuba wafa aze aphele engumfundisi welizwi ngeliya xesha ezimbalini √/ Yeyokuba adlale ngexesha angafundi ade abe mdala aze enze uMangaliso akuguqukela enkosini afunde emdala abe ngumfundisi ophume izandla ngokungakholelekiyo.√ (1)

9.8 Lizalisekile kuba ngokwenkcazo yephupha ayinikayo uThozama, uKhohlela uphiliswa nguMangaliso ngeentshumayelo zakhe.√√ (2)

9.9 Sasimfanele kuba ngokwebali nokumila kwalo ubutshijolo buliphelisa ngokufa ibali lobutshijolo. √√ (2)

9.10 Sesokubuyela kwabo ekhaya √/ sesokufumana impilo yakhe kwkahona uKhohlela obehlutshwa ngamaphupha engaphumlanga√/ sesokumanyana kwezizalwana. √

(Nayiphi impendulo echanekileyo esisiphumo sale ntlangano.) (2)

9.11 Zinefuthe lokulahlekisa umninizo ongazithathiyo √/ sesokuba ongasithathiyo isigqibo uyathathelwa ngabanye kufuneke ukuba alandele izigqibo esele zithathwe ngabazithathayo √√/ izenzo zomntu ngexesha angekazithathi izigqibo zibangumqobo kwimpumelelo yakhe √√ (4)



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



9.12 Ibali (a) liqala uMangaliso eyinto engento √/ eliqaba/ ezula esithubeni engenazinjongo zobom lize (b) liphele engumfundisi ophume izandla. √ (2)

**[25]**

## UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### *UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-27 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Impixano yona ibonakala ngaphandle okanye ibonakala ngaphandle. Xa ibonakala ngaphandle kuthiwa yimpixano yangaphandle ize xa iqhutywa kokwenzeka ngaphakathi emntwini kuthiwe yimpixano yangaphakathi. Kuxhaphake ukudula kwezimvo ezimbini ezingqubanayo ebalini nanjengokuba nakule ingcinezelo ivana amandla nobuthandazwe. Ubumpimpi sibe sisithako sokomeleza impixano ekule noveli. Kule noveli abantu ababhedesha ingcinezelo- amadlagusha bavela bebamba abantu babase ejele baze bazame ukuba babathenge ukuba babeziimpimpi zombuso wengcinezelo kanti ngolo hlobo babenza amaxhoba abanye abantu abacinezelwa kwangobo bumpimpi. Lilonke ingcinezelo isebenzisa ubumpimpi ukudlulisa umyalezo wayo.

- Ukudala impixano phakathi kwabahlali abacinezelekileyo ibali limthatha uMfazwe engenguye nomgrogrisi limbambise ngesipolisa kanti lilinge lamadlagusha lokumenza impimpi.
- Amxelela ngazo zon ke ezinye iimpimpi ukuze azibone eyedwa okanye esele yedwa ekubeni angabiyompimpi. Maxawambi sukuba benganyanisanga.
- Naye uMfazwe wothuka aphantse ukufa akufumanisa ukuba abantu angakhange abacingele ukuba baziimpimpi kodwa aqhube asikhabe isicelo sobumpimpi esisuka kwisipolisa.
- Ngokwendlela obusetyenziswa ngayo ubumpimpi kwimeko yengcinezelo, xa umntu esikhaba isicelo samapolisa sokuba yimpimpi, ilizwe liyamjikela. NoMfazwe kwenzeke kanye ngolo hlobo, uthe akukhaba isicelo sobumpimpi, waqalwa kwasisipolisa samxhaphaza. Ingcinezelo yabasemagunyeni isilwa ubuthandazwe yagqama impixano phakathi kwezi mbono zimbini.
- Yena uMfazwe ngelakhe xa ethi uzikhupha ehlazweni uxela abona bantu baziimpimpi, abantu abasayazi neyona nyaniso bayambetha
- UFriday kule noveli uba yeyona mpimpi iphambili elwa uMfazwe olithandazwe ithengise nangaye ngelithi uyimpimpi yoqobo suka ajongwe lityala lokubulala kwangenxa kaFriday.
- Ubumpimpi bukaFriday bumenza ambekele izabatha ezininzi uMfazwe ngenjongo yokuthengisa ngaye kubahlali nakumadlagusha ukuze athengise ngenyaniso.
- Kwayena uMfazwe xa abantu beye banokumqonda ubungozi bukaFriday babuya bacela ungenelelo lwakhe.



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



| |
|---|
| Ubumpimpi buzibonakalise ukuba sisitshetshe esisika macala, kulowo uthe wazigqatsela ubumpimpi nakulowo ungakhange avume. Ngolo hlobo impixano iya ikhula kuba ugqibela oyiyo engumphixanisi nanjengoko wenzayo uFriday kule noveli. |

**UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**

11.1 Uthi ubelindele izinkempe zezithuko basuka bagixa bantu √/ ukuzincama komnye efuna uMfazwe anqande √/ Amazwi akhe athi izolo oko bendithukwa ndinukunezwa ndingayanga kukha amanzi ukuba ndingumrhubuluzi ngoku kuthiwa mandinqande. √

(Nasiphi isibini kwezi.) (2)

11.2 Ngamapolisa ombuso wamadlagusha/ ziimpimpi.√

(**Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka**) (1)

11.3 Bubengumqondiso wokuba ngenye imini uya kuze athethe kuvakale kula magqwirha/empumelelo√ kuba ekugqibeleni uphele eyijaji egweba amatyala babe ngoku beva ngaye bathatha imiyalelo kuye. √√ (3)

11.4 Sisesokubeni eli banjwa liseluvalelweni ligqibele liyijaji kwakweli lizwe linye. √√ (2)

11.5 Uxelelwe nguTat'uGaba ukuba kutshiwo ukuba ungungcothoza, ungumrhubuluzi. √√/Ngenene wayegxothwe kwintlanganiso eyeyikho yabahlali. √√ (2)

11.6 Kungokuba umbalisi noMfazwe ngumntu omnye / uMfazwe ukwangumbalisi, abanye bambiza Mfazwe kuba bebhekisa kuye. √√ (2)

11.7 Ubunyoka kuNdlela bubhekisa kwizenzo zakhe zokuthengisa ngabantu abalwa ingcinezelo./ Sele eyimpimpi yombuso wamadlagusha.√ (1)

11.8 Baphawulwa ngokuba zezona mpimpi kuba babesithi nguMfazwe impimpi kanti ngabo abangonobangela wokubanjwa nokutshiswa kwamakhaya abantu bakwaQaka. √√ (2)

11.9 Sasingamfanelanga kuba noko into ebeluleke kangaka wayefanele ukuba uyaziswe nangabanye abantu nanjengoko babemana ukumxelela ezikhathazayo. √√

Sasimfanele, kuba kaloku nguye ongazange afunde iileta zikaNokuzola/ alandele afumane ulwazi olwaneleyo ngemeko kaNokuzola noFriday awayeyicingela / waba ligwala. √√ (2)

11.10 Kukudutyulwa ngabathwa √/ kukubanjwa ngamapolisa √/ wafumana ingozi yemoto. √

(Nasiphi isisbini kwezi) (2)



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



11.11 Ubumpimpi bube nefuthe elikhulu kuba abo bebeziimpimpi badlale indima yokubangababphixanisi.√ xa bengababphixanisi baqinisekise ukuba amaqhawe angamatshantliziyo omzabalazo awaphumli, √ nabathe kanti basayicinezele ingcinga yobutshantliziyo ivuselelwe ngabantu abebefuna amandla wabo bafana noMfawe, √Uxhaphazeke kwade kwafuneka awele imida esiya kungenela imibutho yamelwela inkululeko waze waba uyaphumelela ekugqibeleni. Nempixano yanesiphelo esihle. (4)

11.12 Ibali (a) liqalwa ngezidubedube uMfazwe elixhoba leziphathamandla √size (b) isiphelo salo sibe sesiqaqambileyo uMfazwe sele eligqwetha lejaji elichophela amatyala abo babemtshutshisa.√

(Nayiphi impendulo ecacisa okanye exhasa le ingentla.) (2)

**[25]**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



**UMBUZO 12 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

**UNCWADI LWEMVELI**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* – NNN Swana**

Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina. bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.

- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-27 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Isaci esithi 'ukuthetha uNongqawuse ' siphuhlisa ukuthetha isimanga. Intsomi uNongqawuse iqulethe isimanga esehlela umzi kaNtu. Ibe sisimanga ukusuka athi amaXhosa ebengabantu abahluthayo, belima befuya suka ngesikhawu zingabikho. Imacala maninzi ke le mbali ngokukaNtu kodwa umbuzo usisa kunxibelelwano phakathi kwale mbali nokusetyenziswa kwentetha yanamhlanje ethi, 'okwenzekayo kungunongqawuse/ nguNongqawuse nokubangumqondiso wobuzwe obayanyaniswa neNtaba kaNdoda.

- Imbali ithi, amadlagusha ayewufuna ngamehlwamnyama umhlaba wabamnyama ngenxa yokuchuma nokutyeba kwawo. Ekuwuzunguleni kwawo acinga, acinge abone isithethe namasiko zilicebo lokuwungena umzi kaNtu.
- Injongo zabo yayikukuxhaphaza abantu abamnyama ukuze bacake kubo.
- Babesazi ukuba xa bengatshabalalisa ubutyebi babo, Bangatsho baguqe kubo becela umsebenzi batsho bathobele bekwalawulwa yimithetho yabamhlophe.
- Ukungena kwawo awuqhekezile umzi kaNtu ngeembono. Avela kwintombi kaMhlakaza egama linguNongqawuse amenza umprofethi. Amenza ngezawo ukuba azibone enegunya lokuthetha nomzi kantu.
- Basebenzisa ikroba elikukuba bakukwazi ukuyenza le nto yokulahlekisa ingqondo kaNongqawuse kuba wayenexesha lakhe elilodwa lokuya emlanjeni ukuya kukha amanzi. Babemqaphele ukuba uNongqawuse ufika athethe nezinyanya emlanjeni njengomprofethi.
- Basebenzisa ezi nkolo zamaXhosa ukubajika babenze izicaka zabo.
- Benza icebo lokuba bazenze izinyanya phaya emlanjeni ukuze acinge ukuba uthetha nezinyanya xa ethetha nabo.
- Akufika mlanjeni uNongqawuse wacamagusha enqula ethethela phezulu kwaye kungekho nto ayishiyayo.
- Bathi abelungu isiprofetho sithi amaXhosaa aza kuba zizityebi, bathi kuza kufika imana evela phezulu.Oko kukuthi bazobazizityebi bengasebenzanga nzima kuqala.
- Neenkosi ziza kuphatha zilawule kamnandi, kodwa konke oku kuza kwenzeka xa bonke abantu betshabalalise bonke ubutyebi babo, Oko kukuthi babulale imfuyo batshise zityalo nembewu yazo.
- Batsho besithi mabajonge eMpumalanga iintsuku ezintathu bangayeki baza kuyibona indyebo yabo isiza ivela khona.



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



- Zitshintsha izinto mhla intombi yaseChwebeni leGxarha, uNongqawuse intombi kaMhlakaza eyayinguMprofethi ixokisa isizwe isithembisa ngobutyebi obuphindaphindeneyo obuzayo bakuba betshabalalise ezikhoyo.
- UNongqawuse uleqa enkosini ngenxa yenkolo enzulu enayo nayo kwizinyanya yawamkela umyalelo wazo nayo yakhupha owayo ongqongqo wokuba izibonda mazihambise ezi ndaba ebantwini bonke.
- Ngenene abantu benza ngokomyalelo batshabalalisa yonke into.
- Zafika, zadlula iintsuku ezazibaliwe, yaqalisa indlala kumaXhosa nkqi ukuvela kwendyebo. Balinda, balinda bejonge enkalweni de bancama.
- Bamfuna apho akhoyo uNongqawuse abantu ngenxa yephango.
- Liyinene elokuba xa kusithiwa ‘uthetha uNongqawuse’ kuxa ubani ethetha isimanga. Ubutyebi obabukho kumaXhosa baphela, kwagquba indlala, iinkosi zemveli zakhonza nkosi zimbi, kwangena imithetho ngemithetho kwaXhosa, zabhanga zaluthuthu iintlanti zamaXhosa. AbeLungu bafika neeteletele zabo balima amaXhosa azizicaka zabo.
- Namhlanje xa uthetha isimanga/ into engakholelekiyo, into engenzekiyo kusetyenziswa usingiselo kweso siganeko sikaNongqawuse.

**Intaba kaNdoda**

Esi sibongo sona siqulethe imbali yemvelaphi yamarharhabe/ imbali yokuba kutheni ingumhlaba wamarharhabe ophantsi kweNtaba kaNdoda.

- Intaba kaNdoda yona ingumqondiso wothando sizwe/ womanyano/ wobungcwalisa kumaXhosa ngenxa yegazi elaphalalela kwezi ntaba.
- Yintaba ethe ngcu kumahlathi akwaHoho alunge kumaXhosa namhlanje. Afunyanwa nguRharhabe, into kaPhalo yasekunene malunga nowe-1750.
- Esi sibongo sicazulula sidale umfanekiso ngqondweni wokuba le ntaba ilifumana njani iwonga.
- Imbali ithi, uRharhabe ushiya ulwalwa lwaseGcuwa, ngakuNdotshanga, ngokuphetha iimfazwe zakhe nabaThwa, esuka eHohita.
- Aqubisane nzima namaLawu awayephantsi kwenkosikazi eyayibizwa ngokuba nguHoho.ngenxa yokuba wafika wemisa apho kwelo halthi wazisikela umhlaba kanti uyiphethe emanyeni inkosikazi ywakwHoho nesizwe sayo. Yabizwa yasabela. Kuphalala igazi iintsuku ngeentsuku, iinyanga ngeenyanga oyise uRharhabe.
- Lithengwa ngemihlambi yeenkomo ke elo hlathi lakwaHoho ngemvumelwano phakathi koRharhabe noHoho inkosikazi eyayiphethe amaLawu. Ukusukela oko ke yaba ngumhlaba wamXhosa lowo.

Ukumamela esi sibongo kumenza umXhosa zive enelunda ngeNtaba kaNdoda kuba akayifumananga okwenduk’omnquma. **[25]**

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



**UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***UBUNCWANE BONCWADI LWEMVELI* - NNN Swana**

13.1 Ukuthandana √/ ukutshata kwesikhukukazi nokhetshe √/ ukuba nesitshixo kwendlu kakhetshe √
(Nasiphi isibini kwezi) (2)

13.2 Kukulandelelanisa iziganeko ngokufutshane. √√ (2)

13.3 (a) Wavutha ngumsindo. √ (1)

(b) Sidala umfanekiso ntelekelelo wobunzulu bomsindo wakhe. √ (2)

13.4 Ibalulekile kuba injongo kukukhwebula abantu kwizenzo zocalucalulo√√/ikhwebula abazalanayo kwizenzo zokuphathana gadalala ngenxa yoluchwe lwabazalanayo. √√ (2)

13.5 Sasingamfanelanga kuba noko yayiyimpazamo eyehlayo/ Noko ubude bexesha oku kokungajikwa kwaso bubaxekile asimfanelanga kubantu abathi bayathandana. Isohlwayo ngasinye siba nexesha. √√

Sasimfanele kuba kaloku ukuba intsomi ingembali iqulathe imvelaphi nenkcaza yokwenzeka kwezinto namhlanje. Kungeso sizathu ke ukuba singatshintshi isohlwayo esifunyanwa ngusikhukukazi. √√ (2)

13.6 Inkulu ke ingxaki xa abantu besebenzisa uvakalelo kuba bagqibela besenza ezinye iingxaki esele ziqhutywa luvakalelo. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo.) (2)

13.7 (a) Kuqala imbali/ isizathu/ isizekabani sokuqhubeka namhlanje. √ (b) isiphelo sibe yinto esaqhubeka nanahlanje√ (2)

13.8 IGwali ilikhaya kobongwayo √√ (2)

13.9 Indlela esimbiza ngayo simbiza ‘ntandane’, isithombo- into ekulindelwe lukhulu kuyo/ uyinto yokonwabisa ekhaya/ abazali bazingomb’isifuba. √√

**(Nayiphi impendulo echanekileyo)** (2)

13.10 Luxwesiso √ kukubethelela uluvo lokuba akuthethileyo kuvakala kubantu abaninzi. √ (2)

13.11 Isibongo simbona ekhupha uncuthu kwiintshwembenxa zamagama azibhodlayo. √√ (2)

13.12 Umntu ofuna ukwazi ngaye makandwendwele ezi Dyunivesithi/ Imitsi yakhe iyabonakala komaFort Hare nomaRowudzi nakwidyunivesithi yaseKapa. √√ (2)
**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 25**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO C: IDRAMA

### UMBUZO 14 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

***BUZANI KUBAWO* – WK Tamsanqa**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-27 ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

La ngamazwi aliqhalo elibhekisa kumntu ongevayo onenkani, abe nazo sele enqandwa. Uthi xa sle engeva kubekho impalalogazi (umophu) ngenxa yokungeva okunokulinganiswa nenkani. Kule drama ligxila kwinkani uZwilakhe ayibonakalisa kwindlela awuphatha nagyo umcimbi wokubonela unyana wakhe onguGugulethu umfazi kunye neziphumo zenkani yakhe. Ukubonakalisa oku ngokuma kuude angafuni kubandakanya izimvo zikaGugulethu kumba wokumbonela umfazi. Ukuma kude kwakhe nakwiingcebiso neembono zabekhaya zimqhubela ekuzisoleni emva kokuxinga ixesha elide kusifa abantu ngenxa yokugqiba kwakhe akwenza yedwa.

- UZwilakhe ukubiza kwakhe abantakwabo malunga nenyewe yokubonela unyana wakhe osexabisweni umfazi kwenza amaHlubi acinge ukuba akukhe abenelizwi kulo mcimbi kanti akunjalo. Ususka aphele eqweqwedisa wonke umntu.
- Ukuwandlala kwakhe umcimbi, abuzwe nguMthetho ukuba ingaba ukhe wadlana indlebe na nonyana wakhe uGugulethu, okanye ingaba uGugulethu ukhe wamhlebela na uyise ukuba ikhona na intombi esele imphandlile. Impendulo yakhe iyothusa kuba ayizimisele kumbandakanya uGugulethu.
- UZwilakhe uyatsho ukuba abanyathelanga kulowo umhlaba kuba into yokubona umfazi asindawo yomfana koko yeyooyise. Silapho ke isothuso.
- Kuleli thuba apho uGugulethu acela ukunikwa ithuba azibonele ngokwakhe intombi. yiise ukhaba ngawo omane, esithi lisiko laphi lokuba umfana azibonele intombi ooyise bekhona
- Uphinda uGugulethu amcenge uyise ngelithi makamyeke azibonele intombi ethandwa nguye.
- Naxa uZweni emcebisa uZwilakhe ukuba amyeke uGugulethu azikhethele intombi ayifunayo, ngelithi amaxesha ngamanye. UZwilakhe ulikhupha litsole elithi akazimisele kujika kwimbono yakhe yokubonela unyana wakhe intombi nokuba le ntombi sele ichaswa kangakanani na

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



- UGugulethu uyaziveza ukuba akayifuni le ntombi kaMcothama inguThobeka ixelwa nguyise kuba xa ebuzwa ukuba unazigxeko na ngakule ntombi uthi makubuzwe kuyise. Uyibeka icace into yokuba akayifuni intombi kaMcothama. Ngamazwi akhe uthi xa elukhaba olu luvo, 'ndithe andiyifuni nje la ntombi andiyifuni, ndaye andisayi kuze ndiphinde ndithi ndiyayifuna.' Kunjalo, uyanyanzelisa uZwilakhe ukuba uThobeka makazekelwe uGugulethu kuba akayi kujika kule nto ayithethayo. Inene inkomoenotshobo ayinqandwa.
- UZwilakhe uqhubela phambili anyanzelise ukuba bakhutshwe abantu baye kucela intombi kaMcothama ngoMgqibelo.
- UMzamo akufika engemhlanga uGugulethu xa emtyelele, ubuza unobangela kuZwilakhe. Akuxelelwa unobangela nguZwilakhe naye uyacebisa ukuba ngebemyeka uGugulethu azikhethele undofa naye wakhe. UZwilakhe akahambisani nalo neli likaMzamo icebo. Endaweni yokulithatha umbona uMzamo njengomntu owaliwa yimbeko kuba emchazele isizekabani sokungatyhileki kukaGugulethu.
- Ngemini yokuxoxa ngokuya kucela uThobeka uZweni uyambonisa uZwilakhe ukuba uyayiloza xa esithi makuqhutyekwe kuyocelwa intombi esazi ukuba uGugulethu akaboni ngolo hlobo. UZwilakhe uqweqwedisa ngelithi ulungile nokuba uyayiloza makuhanjwe ngobo buyilo bakhe
- UZweni uyamgxeka uZwilakhe ngesi senzo utsho emchazela ngeziphumo ezibi ezithi zenziwe ngumkhuba wokunyanzela umfana nentombi bangathandani. Utsho emnika imezekelo yokuba ngamanye amaxesha kubakho abantwana abangengobomyeni, ngamanye amaxesha kuququwe ezinkundleni zamatyala, kuphume izidumbu. Uqwela ngokulumkisa uZwilakhe ngelithi uZwilakhe abogawula ebheka
- UZwilakhe uvaleke iindlebe akaziva ezi zilumkiso zikaZweni kuba usithela ngelithi ubambe isiko ngelo xesha uphenjelelwe nguMaGaba
- UMthetho naye woleka kwintetho kaZweni ekwalumkisa uZwilakhe ngelithi umntu ongamameliyo uyazisola ekugqibeleni (isala kutyelwa sibona ngolophu)
- UZweni uyazihlamba ezakhe izandla uthi akasayi kuba yinxalenye yeli sikizi lokunyanzelwa kukaGugulethu ngentombi angayithandi, atsho ebashiya apho.
- Amadoda aya kucela uThobeka ngokomyalelo neenkani zikaZwilakhe.
- Ngemini yomtshato kaThobeka noGugulethu, uGugulethu ubhijele isandla sasekunene ukuze angasayini. Ngolo hlobo ucinga ukuba yindlela aya kuba akatshatanga ngayo xa engasayinanga, kodwa uyise usenguzwilakhe uthi uza kumsayinela akuthi akakwazi kusayina wonzakele.
- Akungavumi ukuwalandeli amazwi kamfundisi uGugulethu wokumanya abatshati umfundisi ubiza uZwilakhe, nalapho uZwilakhe akapheli mandla uthi makaqhube umfundisi angayihoyi le nto yenziwa nguGugulethu.
- Emva komtshato uGugulethu utshipha eMthatha, uZwilakhe uthumela abaninawa bakhe ukuba bamphuthume. Akavumi ukubuya uGugulethu


SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



- UZwilakhe uthi uza kuthumela uThobeka kuGugulethu. Uyamnqanda kwakhona uMthetho ngelithi angakhe alinge ayenze loo nto
- UZwilakhe utyhala ngesifuba esithi uza kumthumela kuba udiniwe kukondla abantwana benye indoda
- Okunene ugqibela esenza ngokweenkani zakhe amthumele uThobeka nabantwana kuGugulethu eMthatha.
- Iziphumo zokunyanzelisa kukaZwilakhe isiko lokubonela zahamba kanye ngokwamazwi kaZweni. Kwaphuma izidumbu kuba uNomaMpondomise wazoyelisela emlanjeni emthatha wabhubha akuva ukuba uGugulethu utshatile, Unina kaNomampondomise wothuka wabhubha akuva iindaba zokubhubha kwentombi yakhe. UGugulethu ubulala uThobeka nabantwana ebaxabela ngezembe bakuba befikile kuye eMthatha. Yena Gugulethu ugwetywa intambo ngesenzo sokubulala. UMaGaba umphembeleli omkhulu uthi akuva esi sigwebo akhuphe ityhefu ayisele afe.

Liyinyani elithi isala kutyelwa sibona ngomophu kule drama ngokubhekiselele kuZwilakhe kuba kaloku iinkani zakhe zidala indyikityha yokufa. Kufa abantu abangenatyala kude kuphalale negazi leemveku ngenxa yenkani zakhe enqandwa nangabantakwabo, aphume izithuba kuba efuna ukungazenzi ixoki kwisibhambathiso asenze noMaGaba, ongumfazi wakhe,

**(Nayiphi impendulo echanekileyo)** **[25]**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



**UMBUZO 15 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**BUZANI KUBAWO – WK Tamsanqa**

15.1 Luphawu lokhuzo √ nophawu lombuzo. √ (2)

15.2 Umbuzo othi bekutheni kuqala uphenduleka ngokuba uyise uZwilakhe unyanzelise ukuba atshatiswe nentombi angayithandiyo uGugulethu kanti uGugulethu ebesele enentombi ayithembise ngokuyitshata yade yakhupha neenkomo nanjengoko nayo ibisele iceliwe. √√ (2)

15.3 Ulucela uxolo kuyise kuba isoka ebekhuphe iinkomo zalo ebelikhethelwe nguyise waze wabe umphoxile xa zingakhange zingene ezo ebemlindise zona. √ (1)

15.4 Zezokuba yena eza kuzeyelisela emlanjeni afe. √ (1)

15.5 Ndiyawangqina kuba kuxhaphakile ukuba amadoda awashiye enyenyeni amabhinqa abewathembise ngomtshato njengoko enzile kuNomaMpondomise uGugulethu.

Andiwangqini kuba kaloku abantu abafani, akunakuthi ngesenzo sendoda enye kuqalekiswe onke amadoda √√/ uGugulethu akanakubekwa tyala kuba kaloku akakhange asenze isivumelwano sokutshata, nguyise osenzileyo √√/ kuba kaloku uNomaMpondomise naye ebekhuphe iinkomo akakhangezibenje iziphumo. √√

(Nayiphi impendulo eqiqisisisweyo echanekileyo kumbuzo) (2)

15.6 Yintlekele √ kuba kaloku nanjengoko umdlalo oyintlekele ubonwa ngokuba kufe imiphefumlo, kuqaqambe impalalo gazi/ abenzi bobubi befumana isohlwayo √√ nakule noveli kwenzeke kanye ngolo hlobo, ukufa kukaNomaMpondomise, uMaGaba, nabanye abalinganiswa abangenatyala kwanesohlwayo esifunyanwa nguGugulethi √√/ ukuzisola kukaZwilakhe zezinye kwiimpawu zomdlalo oyintlekele. √√ (3)

15.7 Abalinganiswa bayazithethela √ (1)

15.8 Wayecinga ukuba usisilumko xa ekhusela uluvo lwakhe noMaGaba lokuba unyana wakhe azekelwe nguye intombi kaMcothama ayithandayo kwaze oko kwazibonakalisa ukuba bubuyatha kuba uGugulethu akazange amtshate uThobeka/ wasala engenanyana kuba unyana uGugulethu walizila ikhaya ngesenzo sakhe / unyana wakhe wancama wabulala uThobeka nabantwana akube yena enze obunye ubuyatha wathumela uThobeka nabantwana kuGugulethu ode wabe uncame nekhaya kukungamfuni. Uzibonakalisa ukubasisiyatha ngakumbi xa efumanisa ukuba ukuzisola kwakhe akumncedi nganto wabe unyana egwetywelwa isono sakhe sokubulala. Yena wasala ezigweba ngokuzisola sele engenaye nomfazi onguMaGaba emswele kwesi simanga. √√

**(Ingxoxo echanekileyo mayiveze ZOMBINI, ubulumko nobuyatha bakhe)** (4)



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



15.9 Lichanekile kuba inkcaza yoqhwithela efakela izivondoviya nokutaka kweentlantsi ifana ncam nokuphandleka kokuqhubekayo kokufa kwabantu ngokumasikizi apho kungekho nenye into elungayo √√ (2)

15.10 UZwilakhe wanamhlanje umathile, uyazisola kanti ngaloo mini yamahlubi wayesadula enyanzelisa ukuba kuviwe ngaye. √√
(Impendulo mayiwaveze omabini amacala) (2)

15.11 Uye walizila ikhaya iminyaka. √ (1)

15.12 Kuyacaca ukuba uGugulethu wayezazi etshatile noNomaMpondomise. /Kuyacaca ukuba uGugulethu wazahlukanisa nekhaya lakhe mhla lamahlula noNomaMpondomise amthandayo. √√/ Ingcwaba lendoda laziwa lisibasekhaya, yintlungu yekhaya ukuba uGugulethu azithathe njengongafanelwanga nalikhaya.

**(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.)** (2)

15.13 Kubafundisa ukuba akuthathelwana isigwebo nokuba umntu sele uzalana okanye umthanda kangakanani. √√/ Kubafundisa ukuba isigwebo siwiselwa umoni ngokwetyala alenzileyo. √√/ umntu akaziceleli ukugwetywa koko ugwetywa ngokwesono sakhe asenzileyo. √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.) (2)
**[25]**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



**UMBUZO 16 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

***INDLALA INAMANYALA* – M Lamati**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabaviwa.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha lama-27 ukuhlola lo mbuzo.

**[25]**

Isifingo siza phambi kokusa! Ngqina la mazwi ugxile kubalinganiswa uSiqhiwu noSiphokazi.

**Umviwa angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo**

- Isifingo lixesha elithi libe mnyama kakhulu phambi kokuba kuthi qheke ukusa. Esi saci singqamana nobomi bukaSiqhiwu noSiphokazi ngokubanika ithemba lokuba kuba mnyama ebomini xa kuza kulunga.
- Kwasekuqaleni kwebali siboniswa ikhaya likaSiqhiwu njengekhaya elibonakala lilusizi. Olu sizi kubomi bukaSiqhiwu isesisifingo. USiqhiwu wothe umlilo esizikithini sendlu. Lo ngumfanekiso wehambo nzima engqina isifingo.
- Uzama umsebenzi ejoyinini, msebenzi lowo angawufumaniyo nangona eneminyaka emithathu waliphumelelayo ibanga leshumi.
- Umama kaSiqhiwu uMamQhinebe uyagoba kuluvo lokuba anyobe ukuze afumane umsebenzi kule joyini, njengoko ecinga ukuba abanye benza njalo. Ude ukulungele nokumncedisa ukuba ahlawule imali yesinyobo kaMaqhikizane.
- USiqhiwu uzalela endle kule yokunyoba akafuni tu ukunyoba. Ude athi, ‘soze ndinyobe umntu ndimnyobela Amandla nengqondo yam’. Uhambisa athi ‘khumbula mama ukuba wandifundisa kabuhlungu ubophe amabande. Ngoku uza kuphinda ubophe amabande uzama iimali zokunyoba umsebenzi.
- Le ngcinga yokuba uza kubopha amabande unina ivelisa ihambo nzima yekhaya ngokwasezimalini. Ubomi busesisifingo. Akukho naloo mali yokunyoba, iza kuhamba ibolekwa.
- USiqhiwu uneminyaka emithathu waliphumelela ibanga leshumi kodwa akafumani msebenzi de umama wakhe acinge ukuba baphethwe ngumgqwaliso.
- Indlela afundiswe ngayo uSiqhiwu iyasingqina isifingo kubomi bakhe. UMamQhinebe ebesakuthwalela abantu imithwalo erenkini. Lo msebenzi ke ubusakwayanyaniswa nomsebenzi owenziwa ngoonontyintyi. Kuba kwakufuneka uSiqhiwu efundile uMamQhinebe wanyamezela ukukhangeleka njengomnye woonontyintyi.
- Ngalo lonke eli xesha ubomi bukaSiqhiwu babukwixesha lesifingo.
- USiphokazi naye ukhulele kwikhaya elibufana nqwa nelikaSiqhiwu. Indlala iyagquba.



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



- Kweli khaya baphila kukunkinkqa kwaMamQhinebe. Ude athi uMaGatyeni ‘ iphepha elinentsilikihlana yomilimili kungenzeka seligcinelwe abantu abasoloko bekruqula abantu ngokucela’ USiphokazi ukhulela kweli khaya likruqula abantu ngokucela into etyiwayo. Nakuye ubomi buse kwixesha lesifingo,
- Ukuzama ukuncedisana nentlupheko abanayo kwikhaya likaSiphokazi uMaGatyeni uvuma ukuphindela ekuthwaleni imithwalo erenkini. Nangona imeko yekhaya ise sisifingo uSiphokazi uthi imeko yokuthwala imithwalo kukamama wakhe wayinyamezela kuba wayesafunda. Ukubonakalisa ukungayifuni kwakhe ude athi, uxolele ukumila ingca emqolo, nto leyo ibonakalisa ukuqina kwisigqibo sokwala.
- USiqhiwu noSiphokazi beva ukuba uThembisile ogqibe ukufunda kunyaka ophelileyo ufumene umsebenzi kwarhulumente. Isizathu sokuba bavuke umnyele yile nto yalo msebenzi kukuba bona bagqibe iminyaka emithathu bekuludwe lwabalindele ingqesho.
- Le ngqesho kaThembisile ibadudulela kwingcinga yokuba amahlwempu anyathelelwa ukuba angabi sakwazi nokuvusa neentloko ezi. Oku bakubona njengeenzame zokuba amahlwempu ahlale engamahlwempu. Imeko abakuyo uSiqhiwu noSiphokazi yenza bazibone ngathi babambelele kwithemba elingekhoyo lokuba kwawuze kufike ukusa.
- Ubumfiliba bekamva likaSiqhiwu noSiphokazi benza uSiqhiwu azive esithi ‘mana ndisuke ndacinga ukuba *kubhetele nokuya kukhuthuza xa kunje.’ Le ngcinga ingqina isifingo esisebomini* bakhe ngeli thuba.
- NoSiqhiwu njengoSiphokaza akube embukele unina ethwalela abantu imithwalo edolophini, ephatha kuthengisa neebhotile de athengise namathambo ezama ukufundisa yena, imenza eve kabuhlungu xa angade awufumane msebenzi.
- Ukungqina ukuba imeko yokukhula kwesi sibini ibimnyama, kwaukunxiba isihlangu bakuqale mhla baya esinaleni.
- Akuva uMamQhinebe ukuba uThembisile uphangela kwarhulumente ukhala ezimathontsi engathuthuzeleki. Le ntlungu idalwa kukucinga ngosizi olusekhayeni lakhe.
- USiqhiwu noSiphokazi bathatha unyawo baziyele kumqeshi uMaqhikizane, baye kuzicelela umsebenzi ngokunokwabo. UMaqhikizane ufuna ukunyotywa ngekhulu leerandi ukuze uSiqhiwu awufumane umsebenzi.
- Ngakwicala likaSiphokazi uMaQhikizane ufuna ukuqala athandane naye uSiphokazi phambi kokuba amnike umsebenzi. Phofu unayo nendawo engathi angamtshata nokumtshata kwaye ikhaya lakhe alukubuya lihleleleke xa enokuthandana naye.
- Kulo mgibe wokunyoba uSiqhiwu akawi konke konke. USiphokazi yena uphantse awe kunjalonje ayithathe imali yokuqala ayinikwa nguMaqhikizane. Uphantse aphambe noSiqhiwu kunceda nje ukuba kucinga uSiqhiwu kule ngxaki.
- USiqhiwu noSiphokazi bagqiba kwelokuba baye emapoliseni ngesenzo sikaMaqhikizane.



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



- UMaqhikizane uyabanjwa agwetywe iminyaka esibhozo ngaphandle kwentlawulo.
- Ekugqibeleni uSiqhiwu noSiphokazi bayawufumana umsebenzi osisigxina kwarhulumente ngenxa yobugorha babo. Oku kufumana kwabo umsebenzi kuba kukusa okuze emva kwesifingo kubomi babo.

(Nayiphi impendulo echanekileyo) **[25]**

**UMBUZO 17 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

***INDLALA INAMANYALA* – M Lamati**

17.1 Luphawu lokhuzo √ kunye nolombuzo. √ (2)

17.2 Ewe ebethetha ngako. Ukuqashisa ngomtshato nothando kukaMaqhikizane sisenzo awaziwa ngaso sokudlala ngeemvakalelo zabantwana babantu. √√ Yindlela abaloba ngayo abantwana abangamantombazana/ yindlela acofa ngayo ufokotho lomntwana ngokuqashisa ngomtshato nothando. √√ (2)

17.3 Yindlala egquba emva ekhaya. √ (1)

17.4 USiphokazi mhla azeyelisela kuMaqhikizane √/ uMaGatyeni esoyika ukungeni kubiwo lweentsana √/ uSiqhiwu enqanda uSiphokazi kuMaqhikizane √/ Mhla kwabanjwa uMaQhikizane √/uSiphokazi emva kokugwetywa kukaMaqhikizane √/ Mhla kwabanjwa ooMaGatyeni. √

(Nayiphi enye kwezi) (1)

17.5 Ndiyawangqina.kuba nanjengoko igama bukubela libhekisa kwinto egugileyo engaseloncedo, amapolisa, namaxhego angamanye asebenzisana noMaqhikizane aye axaka kulo mba ngakumbi ekuphatheni umcimbi obukhokelwa nguSiqhiwu kuba ebemvala ukuba angaveli nengxaki, exhasa uMaqhikizane √√ / uMaqhikizane uthe kanti ulelinye lawo axakileyo ngesenzo sakhe esimenza aphelelwe lixabiso nokuthenjwa njengomntu omdala. √√

Ndiyawachasa kuba uyithetha ephantsi kweempembelelo zomsindo akuthethayo. Libukubela ke elo abhekisa kulo kodwa asingawo onke amaxhego anezimanga njengoMaqhikizane.√√ (2)

17.6 Yintlekele siyoliso√ kuba ngokophawu lwayo iqala ngezenzo ezimanyumnyezi zokufa kwabantu iphele sele ilulonwabo. √ Nale drama iqala kusifa abantwana, kubiwa zintsana, kunyotyiswa abantu abhluphekileyo iphele sebesohlwaywa abantu abangabenzi bobubi babuye bayifumane imisebenzi abebehlelelekile emva kokohlwaywa kwabenzi bobubi. √ (3)

17.7 Abalinganiswa bayazithethela.√ (1)



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



17.8 Ubecinga ukuba usisilumko xa ezenzela enye imali phezu komrholo wakhe karhulumente ngokunyobisa abasafuna umsebenzi kanti wenza obona buyatha. Ube sisiyatha ngokuthi angajongi amaqela okuphuma esikolweni ade akrokreleke kucace ukuba kukho amaqhinga awenza. Bubonakele ubuyatha ngakumbi xa engaziboni naxa ethiyiselwa nguSiqhiwu/ ube sisiyatha ngakumbi akungamniki ndlebe uSiqhiwu kwisikhalazo sakhe kuba ebesele erhumrhekile zizinyobo sele ezibona yedwa kanti iyeza imini esisidenge yokungena kumnatha kaSiqhiwu. Wavela kwilizwe lonke akugwetywa ukuba ahlale ejele elixhego eshiya amahlwempu ezindlini ezishushu esisityebi. Imini esisidenge imveze ukungabi nabulumko xa inkundla imfumana enetyala ngezenzo zorhwaphilizo abesenokuzilawula kuzo. √√

**(Ingxoxo echanekileyo mayiveze ZOMBINI, ubulumko nobuyatha bakhe)** (4)

17.9 Lichanekile kuba u"hlohlesakhe ngumntu ofuna okuhle kuze kuye yedwa angabaniki abnaye xa esebutyebini. UMaqhikizane nanjengoko sele eqeshiwe esemsebenzini ebefanele anike abantwana umsebenzi ayeke ukubanyobisa okanye afune izibele ezithile kwakubo ukuze anikezele ngomsebenzi. Ngokwenza njalo ugqibela ebulele ikamva labantwana ngakumbi abangamantombazana esithi uyabanceda ebatyumza iintliziyo kunye namakhaya abao. √√ (2)

17.10 Lo wale mini uMaqhikizane umathile uyazisola ekubeni ngaloo mini wayengqwabalala ethetha ngengqiniseko ede exelela uSiqhiwu ukuba ngaphandle kokunyoba makonwabele ukungabinamsebenzi. √√ (2)

17.11 Uhambe waya kuthiyisela uMaqhikizane izabatha √/ umangalele uMaqhikizane. √ (1)

17.12 Simfanele isigwebo kuba sihambelene nobuzaza besono sakhe ngakumbi esokutshabalalisa ikamva lamantombazana nolutsha ngesizathu sokuba lusuka kumakhaya ahlelelekileyo. √√/ Isenzo sakhe besiyingozi, bekufuneka isohlwayo asinikayo sibe yindlela yokutyityimbisela umnwe nabani ocinga ukuba ukwenza esi sono kumfanele √√/ kuba isenzo sakhe sibi kakhulu sineziphumo ezibi, sisenzo ebesilima sikhulisa inzondo phakathi kwabantwana, isohlwayo asinikiweyo bekufanele ukuba kuqinisekiswe ukuba akayi kuphinda asenze eso sono. √√ (2)

17.13 Kubafundisa ukuba elowo nalowo uyazimela emthethweni √√/ isohlwayo sihamba nesenzo √√/ umthetho usebenza ngesono nomoni ambonayo hayi angambonanga √√ Ukuba abantu mabakulumkele ukwenza izinto ezimbi besenzela abanye kuba umthetho ubamba umntu ngesenzo sakhe asenze ebusweni bomthetho. √√ (2)

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**



SA EXAM PAPERS

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ICANDELO A: IRUBRIKI YESINCOKO SONCWADI: ISIHOBE [10 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| | **5-6** | **4** | **3** | **2** | **0–1** |
| **UMXHOLO**<br><br>Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, ukuwulandela kakuhle umhobe<br><br>**6 AMANQAKU** | -Isihloko sitolikwe ngokunzulu<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo<br>-Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwesihobe | -Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo<br>-Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle<br>-Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe | -Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo<br>-Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko<br>-Impendulo ibonisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe | -Akanalwazi kwaphela ngesihloko<br>-Impendulo ayikho mxholweni wesihobe<br>-Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe |
| | **4** | **3** | **2** | **1** | **0–1** |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>**4 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile<br>-Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becala | -Bukho ubungqina besakhiwo<br>-Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo<br>-Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko<br>-Bukho ubungqina beziphene zolwimi<br>-Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga | -Isakhiwo sife amanqe<br>-Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga |

**QAPHELA: Ukuba umviwa akawuchaphazelanga nakancinci umxholo, ubhale nje isincoko makanikwe i-0 kumxholo, isakhiwo nolwimi.**

SA Exam Papers | This paper was downloaded from saexampapers.co.za



## ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **13–15** | **10–12** | **7–9** | **4–6** | **0–3** |
| **15 AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile 14–15<br>-Impendulo ebalaseleyo 12-13<br>-Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi<br>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi | -Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu<br>-Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko<br>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka<br>-Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga. | -Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo<br>-Ambalwa amanqaku axhasa isihloko<br>-Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu<br>-Luncinane ulwazi ngejenre netekisi. | -Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko<br>-Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo<br>-Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke<br>-Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi. |
| **ISAKHIWO NOLWIMI** | **9–10** | **7–8** | **5–6** | **3–4** | **0–2** |
| **10 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana<br>-Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo<br>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle<br>-Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano<br>-Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu | -Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga<br>-Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene<br>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu<br>-Imihlathi ichanekile ikakhulu | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo<br>-Izimvo azithungelelani kakuhle<br>-Iziphene zolwimi ziyabonakala<br>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga<br>-Imihlathi ineziphene | -Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo<br>-Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo<br>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala<br>-Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka |

**QAPHELA:**

- **Makungabikho kwahluka kudlula kwisibini samabakala phakathi kwamanqaku wesakhiwo nolwimi kunye nawomxholo.**
- **Ukuba umviwa ubhale isincoko sephepha lesithathu mnike u-0 kumxholo no-0 kulwimi nesakhiwo.**



SA EXAM PAPERS